



ISIBHENGZO SESIHLOKO SIKA 2012

16 DAYS OF ACTIVISM AGAINST GENDER VIOLENCE
16 DÍAS DE ACTIVISMO CONTRA LA VIOLENCIA DE GÉNERO
16 JOURS D'ACTIVISME CONTRE LA VIOLENCE DE GENRE
25 NOV - 10 DEC <http://16dayscwgj.rutgers.edu>



Uxolo ekhaya naselizweni: Masime ngeenywo siphelise ubundlobongela kwabasetyhini!

Iphulo leentsuku ezilishumi elinesithandathu ("16 Days Campaign") iza kuqhubeka ngesihloko sikazwelonke: **"Uxolo ekhaya nakwilizwe lonke: masime ngeenyawo siphelise ubundlobongela nokudlakazeliswa kwabasetyhini!** Eli phulo liphulo lwesithathu kwimiba ebandakanya ubundlobongela nobumfazwe. Ngokwegaleleo labantu neentlangano ezahlukeneyo, i-Centre for Women's Global Leadership, engumxulumanisi lweli phulo, iyaqhubeka nokuthethathethana nabathatha inxaxheba ukuba kuphele nya ubumfazwe kananjalo kuphononongwe ubunzulu bezitlu zentlalo nezozoqoqosho ezithi zibe negalelo kubundlobongela obubandakanya isini.

Ubumfazwe ngoyena ndoqo wobundlobongela kwabasetyhini. Buthi benze imo yokoyika, ubumfazwe buxhasa ukusetyenziswa kobundlobongela, ubugwenxa knye nokungeniswa kubumfazwe ekusombululeni nasekulweni iyantlukwano zopolitiko noqoqosho. **Ithi ke loo nto ibe nobunzulu obugqithileyo echaphazela izinto, indawo, izithethe, neengqondo zaba bemini nabahlali ngokunjalo.** Inika ilungelo lobudoda nakanjalo inika ingcinga yokuba ubundlobongela yeyona ndlela iyiyi yokusombulula iingxaki. **Ubumfazwe obu buthi bube neziphumo ezigwenxa kakhulu ingakumbi kwicala lokhuseleko nokuphepha koluntu lonke, kuquka abasetyhini, abantwana, namadoda ngokunjalo.** Ukusuka kobudlwengu keso kunyebeziso lwemipu yakudlala yabantwana, ubumfazwe buthi bube nomthelela ekubeni siwujonga njani lo mba kwabasetyhini, amadoda, amakhaya ethu, abamelwane, intlalo yoluntu, nakumazwe athile.¹

Ngo 2011 imiba emihlanu ithe yanikwa ingqwalasela eyodwa nebalaseleyo ivela kwisihloko esasikhethwe sisigqeba sengcaphephe. Zezi:- (i) ubundlobongela kwabasetyhini kwezopolitiko, (ii) unyebeziso lwezixhobo ezincinane nemdima eziyidlalayo kulwaphulo mthetho ingakumbi ubundlobongela emakhaya, (iii) ubundlobongela ngezondo nobudlwengu ngamaxesha ongqzulwano, (iv) indima edlalwa ngabezombuso njengabaphemeleli ngokobundlobongela ngesondo nokubndlulula ngesini, (v) nendima edlalwa ngabasetyhini, uxolo, nemizabalazo yamalungelo oluntu ekulweni unxibelelwano phakathi kobumfazwe nobundlobongela kwabasetyhini.

Ukuphuhlisa kwikcaza yengxelo yabathathi-nxaxheba kwiphulo² lika 2011, eli lalo unyaka iphulo liza kubalula le miba mithathu:-

- 1. Ubundlobongela obuphemelelwa ngabezombuso:** Oorhulumente nabezombuso bathi basebenzise ubundlobongela ukufezekisa iinjongo zabo zopolitiko, basebenzise iimbono zobumfazwe neemfuneko zokhuseleko lwelizwe kuthi kugqunywe ubundlobongela noloyikiso ngendlela enxulumanyiswa nokhuseleko. Ubumfazwe obu, bathi abasezikhundleni bakholelwe ekubeni abanakohlwaywa ngezenzo abo ezigwenxa, ethi ibalasele kumasolotya obundlobongela ngesondo emkhosini, ukoyikiswa kwabasetyhini ngamapolisa xa beyo kuvula amatyala obudlwengu nobundlobongela emakhaya nokuba bebethwa ngokunjalo; ukuphathwa ngqwalalala nokoyikiswa nonyanzelo lokuhlolwa kobuntombi ngabasemagunyeni kulowo uqhankqalazayo, ubundlobongela kwabasetyhini abahlala besebenza kwiinkampu zasemkhosini. Abasetyhini abalwela amalungelo abasebenza kumasolotya ayamene nezozoqoqosho, ezentlalo, ezobuciko, kananjalo ezasentlalweni namalungelo ezopolitiko nabo abasindanga. **Le meko yoku ngabi nankathalo kwabasemagunyeni nokuba abenzi bolu dushe ngokwesondo nesini ibeke esichengeni ukulwa ubumfazwe kwilizwe lonke.**
- 2. Ubundlobongela emakhaya nendima edlalwa zizixhobo ezincinane:** ubundlobongela emakhaya ngumbandela omdala ushukuxwa ziintlangano zabasetyhini, iya qhubeka ukuba yingxaki tshisa ibunzi kuwo onke amazwe omhlaba. Kuqikeleleka ukuba isininzi sabasetyhini kwilizwe lonke bathi banamava okuphatheka rhabaxa bubundlobongela ngabathandana nabo ebomini babo.³ Obu bundlobongela buthi bube nobungozi ngakumbi xa kukho izixhobo ezincinane (njengemipu, ocelemba, njalo-njalo) emakhaya, kuba zinokuthi zisetyenziswe ukugrogrisa, ukulimaza, kunye/okanye ukubulala abasetyhini nabantwana. **Ezi zixhobo zincinane ezithi zenze lula ubundlobongela kwabasetyhini, zithi zikhuthaze ubundlobongela besini sobudoda.** Nokuba kukweyiphi na imeko (ungqzulwano okanye uxolo), ubukho bemipu nje imiphumela iyafana: **imipu ingaba mininzi, nobungozi ngokunjalo kwabasetyhini buyanda.** Kungoko kulo nyaka nje, siza kuqhubeka ukuphonononga urhwebo nonyebeziso lwezixhobo nendima eziyidlalayo ekuqhubeleni phambili ubundlobongela

kwabasetyhini gabalala, nobundlobongela emakhayeni ingakumbi. Noxa zikho izinto ezincomekayo, njengenguqu kwezomthetho neenkonzelo, iintlangano ezininzi zabasetyhini ziyaqhubeka ukuwushukuxa lo mba ubaluleke ngolu hlobo.

3. Ubundlobongela ngexesha yongquzulwano nasemva kwalo ungquzulwano: ubundlobongela ngokwesondo kwimo yongquzulwano nasemva kongquzulwano ithi isetyenziswe ukunyanzelisa ukuxinzelela ezesini neenjongo zezopolitiko. Ithi isetyenziswe njengecebo lokuphehla uloyiko, ukuhlazisa nokohlwaya abasetyhini, amalungu amakhaya, noluntu ngokubanzi. Nakubeni kubekho imigqwalasela kolu lwaphulo-mthetho kule minyaka idlulileyo ubundlobongela ngokwesondo iseyeyona ntsokonqa kukhuseleko lwabasetyhini nokubandakanyeka kwabo, njengokuba imiphemela emibi ithi ibe ngokwasemzimbeni, emgqondweni, nasentalweni. Ukungazinzi nokungabikho kokhuseleko luthi ungquzulwano luluzise lwenza imeko ibe maxongo ngakumbi, yande kanajalo ibe nobuzaza. Kuthi naxa olo ngquzulwano “oluvunyiweyo” sele luphelile, ubundlobongela ngokwesini bona buye buqhubeleke kumazinga aphezulu emakhaya naseluntwini ukuba ubumfazwe entlalweni abukasiphuki neengcambu. **Iintlangano ezininzi zabasetyhini zither ziyaxinzelela isheyi yokwahlukanisa imiba njengo ngquzulwano nombaba wasemva kongquzulwano, zisisthi ubumfazwe bobundlobongela buyaqhubeleka kwabo basetyhini nangona undoqo-mfazwe ephelile.**

Eli lalo unyaka iphulo lweentsuku ezi-16 luza nesibonelelo lwethuba oluphuhlisa ukuba thina njengabasetyhini abangabazabalazi bamalungelo sinokwenza ntoni ukuba sifake uxinzelelo koorhulumente bethu sixinzelela kananjalo izintlu ezithi zivumele ubundlobongela ngokwesini buqhubekeke. Njengesiqhelo, iCWGL ikhuthaza bonke abazabalazi bamalungelo ukuba babalasele kweli phulo ukuqwalasela imibandela ebalaseleyo ngokwemo zeengingqi ngeengingqi. Ukuthabatha inxaxheba kweli phulo aluniki ithuba nje lokuba sithethe nxaanye nobundlobongela, koko linika ithuba kananjalo lokwazisa ngobundlobongela ngokwesini. Ubundlobongela ngokwesini ngumbandela othi usichaphazele sonke kumanqanaba ohlukeneyo. Ngokwale mbono oorhulumente bethu banoxanduva lokuthatha amanyathelo, ukukhusela, nokunqanda.

16 Days Campaign

I-16 Days Campaign liphulo likazwe lonke jikelele elizinikezele ekupheliseni ubundlobongela ngokwesini. I-CWGL ngumxumanisi kazwelonke. Eli phulo liqala nge 25 kweyeNkanga (Usuku lukazwelonke lokuphelisa ubundlobongela ngokwesini, ze liphele nge 10 kweyoMnga (Usuku lwamalungelo oluntu). Ezi ntsuku zakhethelwa ukuphuhlisa ukuba ubundlobongela ngokwesini lulwaphulo lwamalungelo oluntu. Eli phulo linempumelelo kuba ngenxa yenkxaso yamawakawaka abasetyhini namashumi amawaka eentlangano kwilizwe lonke, abazimiseleyo ukuphelisa nya ubundlobongela ngokwesini.⁴

Izixhobo zokusebenza kwiphulo 2012

CWGL yakha isixhobo sokunceda ukusebenza iphulo eli esiza kuba nezakhono zokunceda wena nabanina ukuqulunqa ukusebenza kwe 16 Days Campaign yakho. Ezi nkukacha ziz kufumaneka ngeelwimi ezahlukeneyo ukuqala ngenyanga yeThupha. Abathathi nxaxheba banokufumana ezi ngcombolo ngokutyelela i-website yethu (<http://16dayscwgl.rutgers.edu>) ze bazitaphele amaxwebhu nge phulo lokuthatha inxaxheba ‘Take Action Kit’ okanye bacele umqulu obhaliweyo. Qinisekisa ukufaka imicimbi oza kuyenza kwi khalenda yethu yephulo kwi website yethu. Enkosi!

Ungahlala unxibelelene njani ufunde kabanzi kananjalo?

- Tyelela iwebsite esesikweni ye 16 Days Campaign: <http://16dayscwgl.rutgers.edu>
- Faka kanye ufunde imicimbi kwikhalenda yephulo: <http://16dayscwgl.rutgers.edu/campaign-calender>
- Zibandakanye ne 16 Days listserve ngokujoyina: https://email.rutgers.edu/mailman/listinfo/16days_discussion
- Facebook: <http://www.facebook.com/16DaysCampaign>
- Flickr: <http://www.flickr.com/photos/16dayscampaign>
- Twitter: https://twitter.com/#!/CWGL_Rutgers
- 16 Days Twitter hashtag: #16days
- YouTube: <http://www.youtube.com/user/CWGLRutgers>
- Sithumelele i-email nangaliphi na ixesha! 16days@cwgl.rutgers.edu

Translated by Seni Mzenze

¹ Center for Women’s Global Leadership. 2011. “Intersections of Violence Against Women and Militarism Meeting Report.” <http://www.cwgl.rutgers.edu/resources/publications/gender-based-violence/388-intersections-of-violence-against-women-and-militarism-meeting-report-2011>.

² Center for Women’s Global Leadership. 2012. “16 Days of Activism Against Gender Violence: Analytical Summary.” <http://16dayscwgl.rutgers.edu/previous-years/2011/16-days-analytical-summary-2011>.

³ World Health Organization. 2005. “WHO Multi-Country Study on Women’s Health and Domestic Violence against Women: Initial Results on Prevalence, Health Outcomes and Women’s Responses.” http://www.who.int/gender/violence/who_multicountry_study.

⁴ Center for Women’s Global Leadership. 2012. “16 Days of Activism Against Gender Violence: Analytical Summary.” <http://16dayscwgl.rutgers.edu/previous-years/2011/16-days-analytical-summary-2011>.